QUEENSTOWN ADVERTISEMENTS.


# PEACOCK BROS. NO WEIR,

## E KOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, Lertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo.

qt31090

## U NKANTULA

UYA wubulela kunene umzi Ontsundu ngokumxuma. Uya wazisa umzi omele, kwanose KOMANI okokuba IZISULU zempahla zikona.

Iblankete, Izibhalala, Ityali, Izihlangu, Isali, Imiqokozo, ne Dyokwe, njalo njalo, zihleli zodwa. Kanjako amanani ako okutenga Izikumba, Umbona, Amazimba, no Boya,, njalo-njalo, angafanelekileyo ; zaye zonke ezizinto zitengwa nguye ngemali; waye enika awona manani alungileyo.

## J. LAMONT (NKATULA),

E BHULORWENI, KWA KOMANI.

Gqalani igama lake—NKATULA—yena uya "nkatula" kanobom nxa atengela Iswekile ne Kofu, njalo njalo.

A Wonderful Medicine.

# BEECHAMS PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL, GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a

Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;

they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organs; Strengthening the muscular System; restoring the long-lost Complexion; bringing bark the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD or HEALTH the WHOLE PHYSICAL, ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climates they are specially renowned. These are " facts " admitted by thousands, in all classes of society and one of the best guarantees to the Nervous and Dabilitatad is that *Beecham's Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

KWA KATA,

# Kutengiswa Tshipu: ONGXAWU

## ABA 2,000,

Kuqalela kwabancinane (1 gallon),

Kuse Kwabakulu (50 gallons).

Inkoliso inendawandawana, ngoko zitengiswa NGEHALAFU YEXABISO LAWO, (zitshipu).

*YIZA KUBONA.*

## W. O. CARTER &. CO.

Kingwilliamstown.

## Ikaya Labantsundu.

(Ebelilelika Mr. Paul Xiniwe)

MAKOWETU ! Nangu umzi wenu, asingowabelungu. ABAHAMBI baya kukangelelwa ngawo onke amatuba ngenyameko. Amahashe sesona sitali sihabile intle, itshipu. Kwimpi Esebenzayo: Ukutya okuncamisa umxhelo, okomelezayo ngemali encinane. Ukutya, ukupumla, ukonwaba. Imali yake yena uya kuyichita kwase kaya, ekubeni ama Jamani eyichita kumakowabo. Angatengela atengisele nabanina, nantonina emsitweni ongowona mkulu weli lase Maxhoseni. Ikuba litengwa ngokubonwa!

W. D. SOGA, Umninimzi.

E Market Square, e Qonce.


ISAZISO.

UMR. R. W. ROSE-INNES, Umteteli-Ematyaleni, njalo-njalo, usawuquba umsebenzi wake kwanjengokwangapambili. Ngumninawa wake, u Mr. C. Rose-lnnes, ongu Mteteli enkundleni yase Monti. E Ofisini yake e Qonce nanamhla usakunyamekele ukukangelela Imicitnbi yaba Ntsundu ngononelelo lonke.


ELIKA

# ORSMOND

# IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelilizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso

kuba sihle ngayipina indlela,' ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini, Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent'eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide selenamava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo.

Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zi sheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhotile nganye ihamba nencwadi ene nteto yesi Xhosa. ~

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

## G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

OLUKA

## Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka MAY.

IXESHA lokutyala i ROSES ne MITI YEZIQAMO, kwane SRAWBERRIES, lilo eli.

Abafuna ukutenga bayakunjuzwa ukuba bangafumana kuti, ngapandle kwexabiso, Uluhlu lwezityalo ze Rose ne Miti Yeziqamo yelixesha, kunye namaxabiso ayo, ekukwako namanqaku axela ngokulungiswa komhlaba nangokutyala.

Ezona Ertyisi zintle, na Matswele, ne Mbotyi Ezibanzi, zibako xa zityalwe ngalenyanga. Hlwayela kanjako i Kapetshu, Lettuce, Leek, ne Radish.

## W. & O. GOWIE,

GRAHAM'S TOWN.

*Telegraphic Address :*

" OATLANDS."

ISAZISO SIKA

# TIKOLOSHE.

NGXATSHOKE MZI ONTSUNDU!

U TIKOLOSHE uyawubulela umzi Ontsundu ngokumxuma kwawo. Uyawazisa okokuba akasenanto nalamzi ka NGOMTI use Bhulorweni. Umf'omkulu yena selemise Ivenkile yake e Koneni, malunga ne Tyalike yama Wesile pambi kwe Ntango ze Fandesi, apo ke afukame kona NEZISULU ZAKE, njalo-njalo. Impahla ekona inxenye yayo

Amakhuba, ngamani alula,
Onoxesha Besali, bahleli bodwa,
Amaxamba Eswekile ne Kofu, nge nani elilula,
Umgubo, nento yonke,
Into Yonke Etyiwayo uhleli enayo, zizisulu.
Ibhulukwe, Ibhatyi njalo njalo, zonoxesha, ziyalala.
Ihempe, Iminqwazi,
Isali, Imikala.

Yizani kuzibonela ngokwenu.

Iseyile ne Dyokwe, ne Miqokozo, ne Water-Fatyi, ne Tyeya, ne Planga.

Akukonto Ingekoyo.

## A. J. Cross &Co.

E QONCE.

## Abahlobo Babantsundu,

*BESIWA BEVUKA NABANTSUNDU*

1. KUQALA:-

## O HADNDTT & Co. (Magqadaza),

EYONA VENKILE INDALA E KOMANI YA BANTSUNDU, babenzela amalungelo anelisayo ngelixesha lobunzima, bonke abanezikweliti kubo ukuza ku June, 1890, ngokuti bavume ukutabata nokuba li 10s. endaweni yeponti, bangabizi nzala, kuzo zonke izikweliti zabamnyama ezihlaulwe ngapambi ko December ozayo, baze bamnike umntu ilasiti ene-stamp ngokufezekileyo.

2. KANJAQO:-

O HADNOTT and CO. (Magqadaza) batengisa koze nemali, ngamaxabiso ahliswe nangokugqite abekuko, waye otenge kubo ngemali esaneliswa kangangokuba enze impinda yokuya kutenga kubo futifuti; ngalendlela zindimbane ezitenga kubo betsalwa luhlobo abatengisa ngalo ezitoreni zabo apo abantsundu bafumana okwanelisayo ngempali yabo.

Apo nine Ledi, u Notyebisa, ukunitengela estoreni, ne "Mvo' niyileselwe ngapandle kwexabiso.

## HADNOTT & Co. (Magqadaza).

*ISITORA SOMZI ONTSUNDU,*

QUEENSTOWN.

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6. ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.


## ISAZISO.

ITYALIKE ya Bantsundu base Rabe e Weston. Hankey, iya kuvulwa ngo 18th MAY, 1891. Isihlalo sogcinwa ngu Mantyi wase Humansdorp. Lonke umelwane luya menywa ukuba luze kuzimasa lomhlambi uqalayo ukutabata inyatelo lenqubela pambili.

N. MATODLANA.

Hankey, April 23 1891. 3il45




# IZAZISO KWA BANTSUNDU.

ZEKOMKULU LASE KAPA.

*ZASHICILELWA NGE GUNYA.*

NGOLWESI-NE, MAY 14, 1891.

## ISAZISO No. 19, 1890.

*Surveyor General's Office,*
*Cape Town, 8th November* 1890.

NGE Siqendu se II. so Mteto we 15 we 1887, kuyaziswa ukuba iziziba ezilandelayo Zemihlaba Yakomkulu ekwisiqingata sase Cumakala iya kutengiswa nge fandesi pambi kwe ofisi ye Mantyi e Cumakala ngo 10 o'clock a.m., ngolwesi-Bini, 9th July, 1891 ngokwezimiselo zalo Mteto ukankanywe ngentla apa, nangezimiselo ezoxelwa nangalomhla wefandesi.

Umhlaba umnye woxhonywa ngenani elitile, uyakutengwa ngowoqabela kwabanye ngemali engengapantsi kwemali oxhonywe ngayo. Unotenga lowo wohlaula ngokutanda kwake yonke, umhlaumbi isahlulo semali awutenge ngayo kwangalomhla we fandesi, ekungati

*(i)* Kungeko ntlaulo ngalomhla wefandesi isahlulo seshumi sirolwe ngenyanga ezintandatu, ize esinye isahlulo seshumi sirolwe kwinyanga ezilishumi linambini ezilandela umhla wefandesi.

*(ii)* Ukuba imali ihlaulwe ngomhla wefandesi ingapantsi kwesahlulo seshumi, isisalela sesahlulo seshumi sohlaulwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ize isahlulo seshumi esisasaleleyo sirolwe kwinyanga ezilishumi linambini kususela kumhla wefandesi.

(*iii*) Ukuba imali ehlaulwe ngomhla wefandesi ipakati kwesahlulo seshumi nesahlulo sesihlanu, isisalela sesahlulo sesihlanu sihlaulwe kwinyanga ezilishumi linambini emva kwe fandesi elo.

Inzala yezontlaulo yoba ziponti zone ekulwini ngonyaka ; ekoti ukuhlaulwa kwazo nenzalo leyo kuqiniselwe ngabameli abafezekileyo ababini ngokwaneliseka komantyi—abameli abofika bazibopelele kunye nangabanye ukuba ngabo abanetyala, bengenakuzilandulela nangantoni.

Indleko zonocanda njalo njalo, netayitile zohlaulwa ku mantyi, nakubani onguwumbi owonikwa igunya loko kwangalomhla we fandesi.

Unotenga lowo wofika abhale umnqopiso ngezahlulo ezine nezihlanu evuma ukuba wohlaula inzala—eziponti ezine ngekulu, angati ukuba wayerole ngomhla wefandesi ngapezulu kwesahlulo sesihlanu, aselewenzela umnqopiso isisalela semali yentengo leyo. Unotenga woba nelungelo lokuhlaula nanini yonke mhlaumbi isahlulo semali yalomnqopiso, kungengapantsi kwamashami omahlanu eponti.

Umfanekiso walemihlaba, kwakunye nezimiselo zefandesi zingabonwa kwi ofisi yono Canda e Kapa, nakwi ofisi yomantyi e Cumakala.

L. MARQUARD,
Surveyor-General.

UMANDLA WASE CUMAKALA.

*Kwi Felkornet No.* 1.

*Kufupi Nomzana wase Cumakala.*

Lot No 7157, Umhlaba okumandla wase Cumakala, kwi Felkornet No 1, ongu Lot No 1 kufupi nomzana wase Cumakala ; ubukulu : 1 morgen 24 square roods 91 square feet; umi ngentla entshonalanga ngedlelo, ngezantsi empumalanga ngositilata, ngentla empumalanga ngomhlaba womntu, ezantsi-entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £2; indleko zocando, njalo-njalo, £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7158, ongu Lot No 3; ubukulu: 4 morgen 93 square roods 85 square feet ; umi ngentla entshonalanga nge komoneji, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi entshonalanga kwangomhlaba womntu. Uxonywe nge £7 ; indleko zocando, nezinye, £3 5s 6d Itayitile 12s 3d.

Lot No 7159, ongu Lot No 5, ubukulu : 5 morgen 112 square roods 118 square feet; umi entla-entshonalanga nge komoneji, ezantsi empumalanga nge sitilato, ngentla-empumalanga nge komoneji ne sitilata, ngezantsi-entshonalanga ngomhlaba womntu. Uxonywe nge £9; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7160, ongu Lot No 6; ubukulu : 1 morgen 39 square roods 77 square feet; umi ngentla-entshonalanga nge sitilata, ngezantsi empumalanga nge komoneji, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £2; indleko zocando £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7161, ongu Lot No 10; ubukulu: 4 morgen 467 square roods 109 square feet; umi ngentla-entshonalanga nge sitilata, ezantsi-empumalanga nge sitilata. ngentla-empumalanga nge sitilata, ngezantsi.entshonalanga ngomhlaba womntu. Uxonywe nge £8; indleko zocando nezinye £3 5s 6d Itayitile 12s 3d.

Lot No 7162, ongu Lot No 11; ubukulu : 5 morgen 537 square roods 66 square feet; umi ngentla entshonalanga nge komoneji, ngezantsi-empumalanga nge sitilata, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi.entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £10; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7163, ongu Lot No 12 ; ubukulu : 1 morgen 4 square roods; umi ngentla. entshonalanga nge sitilata, ngezantsi-empumalanga ngecibi, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £2 ; indleko zocando nezinye, £3 5s 61; Itayitile 13s 3d.

Lot No 7161, ongu Lot No 13; ubukulu: 1 morgen 345 square roods 80 equare feet; umi ngentla-entshonalanga nge sitilata, nge zantsi-empumalanga ngecibi, ngentla-empumalanga ngesitilata, ngezantsi entshonalanga ngomhlaba womntu. Uxonywe nge £3, indleko zocando nezinye £3 5s 6d; itayitile 12s 3d

Let No 7165, ongu Lot No 20; ubukulu: 3 morgen 181 square roods 59 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngo Lot 19 nomhlaba womntu, ngezantsi empumalanga ngomhlaba womntu no Lot 11 G, ngentla-empumalanga ngesitilata, ngezantsi-entshonalanga nge eitilata. Uxonywe nge £6 ; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7166, ongu Lot No 21 ; ubukulu : 1 morgen 533 square roods 130 equare feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlaba wo mntu no Lot 12 G, ezantsi-empumalanga ngomhlaba, womntu, ngentla empumalanga nge sitilata, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £3 ; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d,

Lot No 7167, ongu Lot No 22 ; ubukulu : 4 morgen 428 square roods 37 square feet; utni ngentla-entshonalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi empumalanga ngomhlaba womntu, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu ne sitilata, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £8; indleko zocando nezinye £3 5s 63 ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7168, ongu Lot No 27 ; ubukulu : 1 morgen 45 square roods 124 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngecibi, ngezantsi empumalanga nge strata, ngentla-empumalanga nge strata, ngezantsi-entsho. nalanga nge strata. Uxonywe nge £2; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 123 3d.

Lot No 7169, ongu Lot No 29 ; ubukulu : 7 morgen 52 square roods 23 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlaba wo mntu, ngezantsi empumalanga ngo Lots Nos 49 no 12, Block H, ngentla empumalanga sitrata, ngezantsi-entshonalanga si trata. Uxonywe nge £12; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7170, ongu Lot No 33 ; ubukulu : 1 morgen 533 square roods 133 square feet; umi ngentla ngomhlaba womntu, ngezantsi nge komoneji, ngase mpumalanga sitrata, ngase ntshonalanga yi komoneji. Uxonywe nge £3 ; indleko zocando nezinje £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7171, ongu Lot No 31; ubukulu 1 morgen 250 square roods 65 square feet; umi ngentla-entshonalanga nge strata, ngezantsi-empumalanga ngo mhlaba womntu, ngentla-empumalanga sitrata, ngezantsi- entshonalanga yi komoneji. Uxonywe nge £2 103; indleko zocando nezinye £3 53 6d ; itayitile 12s 31.

Lot No 7172, ongu Lot No 35 ; ubukulu : 1 morgen 533 square roods 133 square feet, umi ngeutla-entshonalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi-empumalanga ngomhlaba womntu, ngentla-empumalanga nge strata, ngezantsi-entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £3 ; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; Itayitile 123 3d.

Lot No 7173, ongu Lot No 33 ; ubukulu : 283 square roods 67 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlaba womntu, ezantsi empumalanga ngo Lot 12 K, nge ntla-empumalanga nge strata ezantsi-entshona. langa yi komenji. Uxonywe nge £1; indleko zocando nezinye £3 5s 64 ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7171, ongu Lot No 37 ; ubukulu : 283 square roods 67 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlabi womntu, ngezantsi-empumalanga ngomhlaba womntu, ngentla-empumalanga nge strata, ngezantsi-entshonalanga nge komoneji. U- xonywe nge £1; indleko zocando nezinye £3 5s 61; itayitile 123 3d.

Lot No 7175, ongu Lot No 38, ubukulu : 1 morgen 561 square roods 135 square feet, umi ngentla entshonalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi-empumalanga nge komoneji, empumalanga nge strata, entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £3; indleko zocando nezinye £3 5s 64 ; itayitile 12s 34.

*Kufupi ne Cumakala, malunga ne Kubusi.*

Lot No 6576, ongu Lot 111, ubukulu: 1, morgen 531 square roods 33 square feet ; umi ngentla-empumalanga ngo Lot 16 ngezantsi-entshonalanga ngo Lot 18, nge- zantsi-empumalanga ngo Lot 8, ngentla entshonalanga ngendlela. Uxonywe nge £5; indleko zocando nezinye £1- 6s 21; itayitile 12s 31.

Lot No G579, ongu Lot No VI, ubukulu : 3 morgen 467 equare roods 70 square feet; umi ngentla-empumalanga ngo Lots 81 no 91, ngezantsi-entshonalanga ngo Lots V no 82, ngezantsi-empumalanga ngendlela, ngentla-entshonalanga ngendlela. Uxonywe nge £5; indleko zocando nezinye £4 6s 21; Itayitile 12s 3d.

Lot No 6582, ongu Lot IX, ubukulu: 3 morgen 467 equare roods 70 square feet; umi ngentla-empumalanga ngo Lots 108 no 109, ngezantsi-entshonalanga ngo Lots No 106 no 111, ngezantsi-empumalanga nge ndlela, ngentla-entshonalanga ngendlela. Uxonywe nge £5 ; indleko zocando nezinye £4 6s 2d ; Itayitile 12s 34.

*Kwi Kubusi Elipezulu.*

Lot No 7176, Isiqwengana Somhlaba esi kwi Kubusi Elipezulu, ongu Lot No 10, Block O, ubukulu : 81 morgen 500 equare roods; umi ngentla-entshonalanga ngo mhlaba ongenamntu, ngamanye amacala umi ngomlambo oli Xolorha. Uxonywe nge £150; Itayitile 12s 34.

*Kufupi Nomzana wase Ohlsen.*

Lot No 7177, ongu Lot No ll, kufupi nomzana wase Ohlsen ; ubukulu : 2 morgen 215 equare roods 60 square feet; umi ngentla ngendlela, ngezantsi nge Kubusi, empumalanga ngo Lot No 10, entshonalanga ngo Lot No 12. Uxonywe nge £5 ; Indleko zocando nezinye £2 15s ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7178, ongu Lot No 25 nawo ukwa kufupi nomzana wase Ohlsen ; ubukulu : 2 morgen 154 square roods 109 equare feet; umi ngentla nge Kubusi, ngezantsi ngendlela, empumalanga ngo Lot No 26, entshonalanga ngo Lot No 24. Uxonywe nge £5; indleko zocando nezinye £2 15s; itayitile 12s 3d.

*Kwi Felkornet No* 5.

Lot No 7179, oyinxalenye ye fam eyi "Lugilo," ubukulu : 41 morgen 15 square roods ; umi ngentla ngomhlaba wokuzingela No 85, empumalanga yi Strathberg No 77, entshonalanga ngo Lujilo No 75. Uxonywe nge £50 ; Indleko zocando nezinye £7 13s ; Itayitile 123 3d.

## ISAZISO NGOMHLABA—No. 14, 1891-

KUYAKUTENGISWA pambi kwe nkuyamatyala yase Komani, ngo 9 a.m. 5 May, 1891, Ngesimiselo ze Siqendu If, so Mteto No. 15, 1887, umhlaba okwisiqingatana (Felkornet) so Zwaartkei, Lot 7,152, kutiwa yi Klein Bull Hoek, olunge e Kamastone. I morgen 1,350, 547 square roods, 72 square feet, i upset £1,200; indleko zo nocanda £17 I9s. ; i taitile 12/3.

MARQUARD, Umpatiswa-Kucanda.

Ololiwe baka Rulumente.—Belase Maxhoseni.

## Iholide ze Whitsuntide neze Queen's Birthday zo 1891.

Itikiti Zokuya Nokubuya ngoxabiso lohambo olunye ziya kunikwa ukusuka nokuya kuzo zonke Izitishi ngemigama ye 110 miles nangapantsi, ngo MAY 16, 17, 18, 23, 24, ne 25, zinikelwa uhambo Lokuya Nokubuya oluya knpela ngo MAY 31, 1891, nokuba kungapambi koko.

Ngemigama engapezu kwe 110 miles ezi Tikiti ziya kunikwa ngo MAY 15, 16, 17, 22, 23, ne 24, zinikelwa uhambo Lokuya Nokubuya oluya kupela ngo MAY 31, 1891, nokuba kungapambi kolosuku.

Nge Holide ye Whit Monday, May 18, neye Queens Birthday, May 25, 1891, Abapati bakwa Loliwe abasayi kutwala, kutabata. okanye abasayi kutabata nayipina impahla ngezomini.

T. R. PRICE,
Traffic
Manager.

Chief Offices,
East London Terminus, May, 1891.


## EDWARD T. JONES

(Obefudula ekwa Attorney)
W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETELI-MATYALA,
*Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli-Magama Etaitile.*

*E-KOKSTAD*

EAST GRIQUALAND.

# AMAYEZA

ADUME KUNENE,

KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),

EBHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona ; ngenxa yoku kauleza uku nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobupantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa letyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).

Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).

Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).

Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).

Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)

Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).

Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).

Amafuta omti okupilisa ukutsha. ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA

(Confection of Rhubarb).

Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nesabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).

Umciza, wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA

(Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba butataka, nokungatandi nto ityiwayo.

UBUGQI Magic Healer).

Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine).

Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebuhle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).

Lisetyenzisiwa neli kutiwa " Lelona" xa isifo sokunamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe nokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezitofilana ngazinye, eziti zakulandelwa ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa onziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguve nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolopu zale Koloni yonke, o Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya,

AMAGOSA ALAMAYEZA—

*E* Qonce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond A Co.
*E Ngqamakwe—Mrs.* Savage.
*E Monti*—B. G. Lennon & Co.
*E Rini-E.* Wells.
*E Dikeni*—R. Stocks.
*E Komani*—Mager & Marsh.
*E Bhayi*—B. G. Lennon & Co.
*Engqusha*—W. A. Young, E q.
Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

ISEBENZA NGOBUGQI

# I-RHEUMATICURO !

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.




Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

## J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.



Printed for the Proprietor, J. TENGO- JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown,

KWABAZA KUTSHATA

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

## *PASCOE (kwa " FOLOKOCO,")*

Kingwilliamstown, Yixeleni into embi kuso, ukuba iko.




ITYALI ZETU-UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ningalibali PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nom'bona kona SALUFU.

# GIBBERD & BRYANT,
## KING WILLIAMS TOWN.

Imicako Yelokwe Zositofu Emitsha, 4d, 6d, 7d, 9d, 10 ½ d, 1s., nge yadi.
Ikeshmiya Emnyama, ebungqingqwa bupindiweyo, 9d iyadi.
I Satin e Brokedi Yokutshata 1/6-, 2/-, 2/6-, nge yadi.
I Satin Zokutshata, 1/-, 1/6- nge yadi.
Ilokwe Zokutshata. Iminqwazi Yokutshata.
I Satin e Brokedi Yelokwe Zokutshintsha.
Ityali Ezinamagqabi
Ityali Ezimabala Mabini
Iprinti ezibu Keshmiya, ezilungileyo kanye, 6d iyadi.

YONKE Impahla YOKUTSHATA iko apa

# GIBBERD & BRYANT
## ICAM, ICAM, LEZIHLANGU!

# U W. L. NEILL,

Uzimisele ukufuduka e Qonce, ke yonke impahla EZIZIHLANGU yake uyayitengisa ngamanani alula kunene.

## IZIHLANGU (Intlobo zonke), ne FELSKUNI, (Ziyalahlwa)

Akuko nani angalitabatiyo, wonke umntu one CASH uyammema. Yizani kuzibonela ngokwenu.

# E CAMBRIDGE ROAD.
NGAKWA NYUWENI.

## Eka Gray

Incindi Epitikeziweyo
**LINSEED NE , HOREHOUND.**

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLO INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

**1/6 NGEBHOTILE.**
*2/-* LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa
**P. GRAY, Chemist and Druggist,**
CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

YIYANI KWA
## C.A JAY & CO

E QONCE,
XA SUKUBA NIFUNA— Izikonkwane
—Into Zokusebenza Imela ne Folokwe
Ikoyi—Ikomityi ne Pleti
I Lampi
Impahla yendlu yonke, njalo njalo

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.


# ISAZISO

UKUBA Inqwelo ka Xhelo wase Tywina, e Batenjini, kumandla wase Engcobo, eyayize kukandwa, esekudala igqityiwe, AYIKULULWANGA ibatalelwe ngu Mniniyo pakati kwesituba esi Veki Ntandatu kusukela kwi 1st MAY, 1891, kuye kwi 15th JUNE, 1891, Inqwelo leyo iya kutengiswa ihlaule indleko zonke.
Witness: A. GONTSHI,
Agent pro. G. Bridger,
Esixonxweni, Ngqamakwe,
27th April, 1891
G. BRIDGER,
Umkandi we Nqwelo
6175

## KUFUNWA

KWANGOKU i Titshala entsundu yokufundisa kwi Bikolo sase Beaconsfield.
Umvuzo £70. Abayifunayo lendawo bobhalela ku Rev. J. 8. Morris wase Beaconsfield, bexela ngezimilo nokuwufanela kwabo umsebenzi.

## BONISANI

IHASHE lam ELIMFUSA, linekolo enkulu, ezingxaleni linoboya obumhlope, linentamo enkulu emfutshane, umsila ucaziwe wenziwa mfutshane, isingci sicetyelwe esikondweni, noko sesihluma ; isinqe asigobile ; likuminyaka e 7 ne 8. Olandisileyo wovuzwa kakuhle. Makatumele ku Mhleli weli pepa.
APRIL TOLIBADI.
Agnes, 10 April, 1891. 3i285

## ABATSHATILEYO

MAQUBELA-QABAKA. — E Macfarlan, Tyume, ngo 31 March, 1891, kutshatiswe ngu Rev. G. Nqana, wakwa Matole, u HAIHAI MAQUBELA wase Bholo, no HLOLELWA QABAKA intombi enkulu ka Mr. Qabaka wase Rwarwa. 3i215

## ABAZELWEYO

MHLAMBISO. — Kwa Matole, ngo 17 April, 1891, Inkosikazi yakwa Eben. S. Mhlambiso ibeleke UNYANA. 3i215

ZIBI.—E Tora, Tembuland, ngolwesi Tatu, 8 April, 1891, Inkosikazi yakwa Alfred Ncanywa Zibi ibeleke UNYANA. 3t215

DINGISWAYO.—Nge 10th March, 1891, intombi eziwa yenci, ka Mr. Sikwebu, eyendele kwa Mr. Dingiswayo, yabeleka UNYANA.

## KUFUNWA

ITITSHALA YOKUNCEDISA (eyi Nkazana) kwi Sikolo sase Wesile e Colesberg. Makabe ngowaziyo kakuhle umsebenzi, abe nawo namapepa axela ngesimilo nokuwazi umsebenzi. Umvuzo £20 ngonyaka. Woqalwa umsebenzi nge 14 July, 1891. Kubhalelwa ku
REV. HARVEY WILKINSON,
2itl45 Colesberg.

# KUBAHLOBO BE MVO.'

ABAHLOBO betu abangekayi hlauleli i Kwata epele ngo 31 MARCH, 1891, bayacelwa ukuba benjenjalo kwango May lo. Eli likwa lixesha lokuhlaulela i Kwata ka. JUNE, lingekenyuki ixabiso.
J. TENGO-JABAVU'.
May, 1891.

# Iveki

ZIXELWA e Bloemfontein ngoku inkumbi.

U SIKWA use Komani apo nakona angqingqiselelwa zizihlwele.

KUKO indawo eseke yabonwa kuzo imihlambi yenkumbi pesheya kwe Nciba.

IBIKE yazala kwakona imilambo emantlan' e Free State ngeveki egqitileyo,

UMZI omhlope wase Natal usaxokozela ngendawo yokuba unikwe ifama kwa Zulu.

NGOMKOMBE oyi *Roslin, Castle* osinge e England ngeveki egqitileyo kumke abantu aba 278.

U REV. DR. COMPER GRAY unyule ukusishiya isihlalo sokuba ngumfundisi wama Dipente amhlope ase Tinara.

KWEZIVELA kwelama Ngesi kufike nezokubhubha kwe Archbishop of York u Dr. Magee.

KUTIWA yimirozo abantu nenqwelo ukugqita e Pietersberg e Transvaal beqonde kwela Mashona elilunge e Zambesi.

ABAVUMI base Amerika baka Mr. McAdoo bebese Beaufort West ekuzeni kufa kweveki egqitileyo, abe African Choir bese Kapa.

ITYALA lika Miss Sturrock no Rev. II. Birt base Ncemera lisatelwa, kutatyatwa inteto zamangqina.

UMSEKI wamabandla Omkhosi we Salvation, u General Booth, ukangelwe ukuhambela kweli lizwe ngo August.

INKWENKWANA eminyaka ilishumi linantlanu igwetyelwe ukuxhonywa e Leydenburg e Transvaal ngetyala lokubulala uyise.

KUFIKE, indaba zokubhubha ko Rev. W. R. Thomson wase Balfour ixego ebeliseli kwiminyaka emashumi asitoba anesitandatu.

AMA Putukezi kutiwa awungenisile umsinga wotywala kumzi ka Mzila kwelase Masbona. Kupela kweyona. nto kutengiswa ngayo.

U MR. WM. HAY ubanqwenela abatunywa bomzi wase Qonce ngeziroro, ngo Mvulo ozayo (18 May) ngexesha le 10 usasa.

KULWE i Netevu ezimbini kwi Workshop yase Tinara ngolwesi Tatu Iwegqitileyo, enye yaluma umlomo ongapantsi wenye yawususa mu.

OLUBALO no bhalo beluko —isipumo salo kwelase Victoria elise Australia kukuba abantu beku 1,133,846; bande nge 271,500 koko babekuko ngo 1881,

KWISITILI se Transvaal esiyi Zoutpansberg kufakwe inkosi ezimbini entolongweni —enye umnyaka, enye iminyaka emibini— ngokusuka zivumele abantu bazo balwe.

AMAFAMA amhlope ela Bahlambeli awayamkeli into yokubandakanywa kwelo kwelase Koloni yase Kapa. Bekuko intlanganiso e Vryburg ukuvakalisa ololuvo.

SIVA ukuba imantyi zise Transkei ziwuquba ngqongqo umteto ovalele ukuba kungatengiswa tywala ngabelungu bevenkile. Kulondawo!

E CLARKSON kwelase Tsitsikama kuxelwa Ezokubhubha kwenkosikazi yomfundisi wama Moravian, u Mrs, A. E. Smith, ngo April 28.

INTLANGANISO NABANYULWA E GLEN GREY imiselwe ukuba ngo Mvulo (18 May) e Vaal Bank, apo kubako u Mr. J. M. Orpen no Mr. John Frost.

KUKANGELWE intlanganiso yabanyulwa nabanyuli base Qonce e Pirie ngo 21 May. Kuyakubako abanyulwa abango Hon. J. L. Bradfield no Mr. Warren.

NGOMKOMBE onduluke e Kapa ngeveki egqitileyo osinga e England kukwele inkosi ezimbini ezitunywe kumbuso we Nkosazana ngu Ngungunyana inkosi yakwa Mzila.

KUNDULUKE e Kapa ngolwesi Bini ibuto lamajoni lisinga e Vryburg kwela Bahlambeli. Imbangi kukuba amapolisa elo edluliselwe pambili kwelilunge e Zambesi.

INKOSANA yonongqayi u Major Cole, C.M.R., wase Kokstad ufumene intlungu yokufelwa ngabantwana bake ababini kwisituba sentsuku ezine sisifo somqala (dip. theria).

U JAN MEJANI, obemana epambi kwa matyala e Rini ngetyala lokudlwengula nokubulala intombi yomlungu ongu Pienaar, Eqora, ugwetyelwe ukuxhonywa.

KUTIWA abahambisi be posi abatsha (Messrs. Crawford and Newman) pakati kwe Rini ne Qonce baqeshwe ngu Rulumeni ngexabiso eligqitileyo kumawaka amabini eponti ngonyaka.

U CAPT. MUHLENBECK owadubula indodana emhlope e Johannesburg ngwetyelwe ukuxhonywa, kodwa kuko inteto yokuba siyakuguqulwa isigwebo eso sibe seseminya ka entolongweni.

INENE elingu Captain Verney esaye site lipambi kwamatyala ngokutwala intombazana ulivumile ityala wagwetyelwa unyaka entolongweni. Ube kwalilungu le Falamente apo e England.

INTETO apa eyaka yabonakala kwipepa lase Monti ukuba u Sigidi no Rili banebhunga lemfazwe ipikisiwe ngendlela emhlope kangangokuba liyiroxise elopepa layivakalisayo. Saye sibutandabuze kwamhlamnene ubunyaniso bayo.

NGOKUSOLOKO engenampilo intle u Ven. Archdeacon Kitton ugqibe kwelokuba awuyeke umsebenzi wake wokupata ibandla labamhlope base Qonce. U Bishop uboke emhlambini igama lika Canou Wharton B. Smith ongatabata indawo yake.

U JUDGE MORICE wase Transvaal ute, akupela amatyala e Johannesburg xa andulula i Juri, uvumelana naso zonke izigqibo zayo mayelana namatyala abe pambi kwake ngapandle kwesigwebo setyala lamapolisa amhlope abulele umfo ongu Skop.

UMFO obeti uzihlaziya ngamanzi la abo ushunqulwe ingalo wenzakala kakubi entloko yinqwelo kaloliwe xa abegxadazela elinga ukunqumla indlela ngase stishini e Komani ngo Mvulo ongapaya. Use Hospitile kwaye kungeko temba. Ligqabi lika lonji lona.

ISICAKA esidala esinconywayo sika Mr. T. Plewmen wangase Monti, u Cobus Malgas, sibulewe butywala ngolwesi Tatu, sibe situnywe esixekweni. Kubonwe ngehashe ebesikwele kulo selifika lodwa lisene mikala nesali. Buyasebenza utywala kute cwaka nje.

KUKO ukupitizela kwenteto mayelana nemicimbi yelama Mpondo, Olunye udaba luti Umhlangazo ubuye wayifunza kwinkosi yake u Sigcawu, ete yafumana inxeba lembumbulu inkosi leyo. Limbi icapaza lelokuba uzibongozela ukuba axolelwe yinkosi leyo yake.

AMANENEKAZI amhlope ase Kimberley abhale umtandazo obongoza u Rulumeni ukuba ayivulele abantu ifama ka Vesile (Wesselton) ukuba abantu bonke bembe idayimani. Kutiwa uyakusiwa ngamanenekazi amabini ku Rulumeni ayakuwenzelelela ngenteto.

LIBALELE e Humansdorp nakulo lonke elilunge e Tsitsikama. Ipepa lakona lendaba liti nabadala abalikumbuli ixesha elaka layiswela kwada kwakade njengalonyaka imvula, kangangokuba iqalile iyafa impahla emfutshane nenkulu. Into eyingca ayisaziwa, akuko mahluko pakati kwendlela ne dlelo.

UNYULO olube luko lwamanene afundileyo okulaula imfundo epambili luqutywe ngo 30 April libuto le University elipumelele i BA nemviwo ezingapambi kolo, kwapumelela lamanene : Mr. Whitton 196, Professor Foot 176, Professor Thomson 175, Professor Hahn 173, Professor Walker 170, Professor Ritchie 168, Professor Marais 154, Canon Ogilive 144, Mr. Bodkin 144, Dr. Beck 137 ; abapumelelanga abalandelayo, Canon Espin 133, Mr. Vipan 117, Professor McWilliam 95, Rev. Dr. Wirgman 82 Abalatwa ngu Rulumeni ukuba ngabeli Bandla ngu Chief Justice de Villiers, K.C.M.G , Sir Langham Dale, K.C.M.G, Bishop Jones, Dr. Kolbe, Rev. Andrew Murray, Rev. J. Thompson, M A., Mr. Justice Buchanan, Dr. van Oordt, Hon. C. Abercrombie Smith, M.A.

---

# IMVO ZABANTSUNDU
NGOLWESI-NE, MAY 14, 1891.

### *INTLANGANISO NA BANYULWA.*

EYASE Glen Grey, ebeke salinganisela ukuba inga ngolulwesi-Ne, kumiselwe ukuba ibe ngo Mvulo ozayo, May 18, e Vaal Bank ka Mr. M'BENGO. Sinosizi ukuti u lion. J. M. PEACOCK akasa kubako kuba lute lumiswa olosuku wasele jike iqina mayelana nokuba lube lusuku lokunduluka ukuya e Palamente. Kuqinisekile kona ukuba u Mr. ORPEN uya kubako, esitembayo ukuba kwangokunjalo u Mr. FROST wobako naye. Efikile lamanene mabini yoba yefezeke kangangokuba kungashiyeki nto angabuye ayinqwenele ubani. Lamanene omabini anganteto inokubekelwa indlebe ebandla ngokukodwa nge Glen Grey. Bayakolisa a Batembu ukuba bakupapamele ukuvana namalungu abo ngalomcimbi mkulu kunene. Kokona nawo aya kuqonda ukuba umzi awufeketi.

Mayelana nongapantsi umzi kulungiselelwa ukuba kubeko intlanganiso ngolwesi-Ne lweveki ezayo (21 May) e Pirie (Pantsi-kwa-Mahlati). Ixesha lelakusasa, ukuba umzi unikane uluvo nomnyulwa wawo u Mr. WARREN. U lion. J. L BRADFIELD uzimisele ukuba wobako. Woba ngeloxesha esendleleni ukusinga e Kapa. Kungayinto elungileyo ukuzipatisa abanyulwa into ezayo silungiselelwe ukunikelwa u Hon. Mr. SAUER.

---

# Impawana.

AMAPEPA ABAMHLOPE NE " Mvo."

KUYINTO elungileyo ukuva into ecingwa ngabamhlope ngepepa letu. Kwe lase Bhai i *Telegraph* sifumana lenteto:—"Siya vuya ukuzipaula indawo ezihlatywa lipepa eliyi Mvo ngokusingisele ekwabiweni nasekupatweni kwentlobontlobo zemisebenzi yakomkulu. Siyikolela okokuba yinto elungileyo ukuba ati amadodana antsundu afundileyo abe nepepa lawo lokuwatetelela kwizikalazo zawo anazo ezisekuhleni. Esiti *ke* nati sizazi apo zikona, nohlobo ezilulo nokokuba zibangwa yinina."

"TELEGRAPH" NGE GLEN GREY.

Kwi pepa lokugqibela le Mvo, liti elipepa lase Bhai, sipaulo inkatazo endala engemihlaba yase Glen Grey okokuba ivukile kanjaqo. Ipepa eliyi Mvo liti imantyi ihlute abemi besiqingata selozwe abantsundu umhlaba ongowabo wedlelo. Elipepa liya kuvuya nxa livileyo okokuba u Mr. W. B. Chalmers obefudula eyimantyi yase Qonce uza kukangela lomcimbi. Kuko mntu ubengawuquba kakuhle ngokugqite yena. U Mr. Chalmers ngumfo obekekileyo kwabamhlope nakwabantsundu belaso Maxoseni, ingxelo yake *ke* ingalindeleka ukuba yefezekileyo nelungileyo ekuyilamleni longxumbungxumbu injalo. Siva kamnandi nxa kanti u Mr. Chalmers use nokuwupatela umsebenzi onje umzi wakowabo [Siva kakubi ke xa lenteto ingentla yayi seyishicilelwe kuvakele okokuba u Mr. W. B. Chalmers akanako ukuwuquba lomsebenzi, kuba engapililo. Ke siyatemba okokuba uyakufunelwa indoda eyomeleleyo eyakuwuquba ngohlobo ebeya kuwuquba ngalo.]

KWA I "TELE GRAPH" NGOKU KUNYUSHWA KWAMATYALA.

ENYE indawo esiyipauleyo kumapepa okugqi- bela e Mvo ngumcimbi wokutolika ematyaleni E Jaji, Kutatyatelwe ke kwi ndawo ezihlatywa lipepa lase Kokstad, kwelase Mbo, ngohlobo olunganelisanga bani owaqutywa ngalo umsebenzi mhla yayikona ijaji. U Mr. Reuben Aylift", itoliki yamatyala e Jaji kwelase Mpumalanga uyaziwa ngumntu wonke okokuba uligcisa elibukali emsebenzini wake, asinamatidala ukuyikanyisa indawo yokuba uyakunqaba umntu oyakuze abe nako ukuwuquba njengaye lomsebenzi wokutolika ngenteto yesi Xhosa, nesi Ngesi kwanesi Bhulu. Bandile abakwaziyo ukuziteta kakuhle ngazinye, kodwa onako ukuziteta zonke kunzima ukumfumana. Kulemijikelezo mibini yejaji Pesha-kwe-Nciba impilo ibangele okokuba angabinako kakuhle u Mr. Ayliff ukuhamba ne Jaji, ato wazibika okokuba akasayi kuba nako, waselevelisa indawo yokuba ize kufunwe itoliki kwezondawo. Ngamanye amaxesha ukutolika kute kwaqubeka kakuhle, kwati ngamanye kwaqubeka kakubi, Kodwa asinamatandabuzo okokuba nxa iutloko yezinto imi ngolohlobo, ayilungile. Lomsebenzi wokutolika unje ukufuna ukutantanyiswa nokubaluleka kangangokuba osukuba ewuquba ematyaleni makanganeli kuba likumsha ngolwimi lodwa, kodwa makabe ngumntu ongena capaza lakuketa bani nokuba ngonjanina nxa apambi kwamatyala makatolikelwe kakuhle. Kumatyala alishumi, asitoba ema ngohlobo atolika ngalo otolikayo. Otolikela i Jaji ubefanele ukujikeleza nayo kuzo zonke indawo apo iyakona; namanjaqo ukuba u Mr. Ayliff uyalupala u Rulumente makamnike i pension, afune omnye umntu esikundleni sake. Ilizwe eli liyakupulukana nendoda engumkonzi wenene ekunqabileyo nokufumana umntu endaweni yake, kodwa *ke zonke* inguqulo yezinto ngezinto sisimo sobubom. Akuko nto igxekisa ukuhanjiswa kobulungisa kunokutandabuza xa kutatyatwa ubungqina bomntu.

SIPAULE kanjako okokuba I "TELEGRAPH" kwa IMVO ikankanya NGOVIWO shushu indawo yokuba LWAMAKUMSHA. makubeko ukucokiswa kakuhlelwa kwabatoliki ngokuti bake bavavanywe. Nati *ke* elocebo siti lilungile, silincomela u Rulumente ukuba aligqalisise. Lomsebenzi ungowokutolika uyintloko kwabantsundu, kuba ungafika bebaninzi kwi nkundla ze mantyi kulo lonke. Sivuyiswa nayindawo yokokuba sibona kusetyenziswa abantsundu abafundileyo, nabanezimilo ezihle ezifunekayo kwimisebenzi yakomkulu, sitemba okokuba bayakwanda kakulu kulomsebenzi. Inqubelo ololuhlobo kwabantsundu iyakwandisa inkutalo kwimigaqo yetu nasemizini yetu, izinto eziyimbasa ekulauleni kwetu ezinye intlanga.

UKWAMKELWA KUKA KEV. G. TYAMZASHE.

IBIYIMIGCOBO ngo Mvulo ongapaya kwibandla labantsundu base Dipente elise Kimberley, libulisa umfundisi waio omdala u Rev. G. Tyamzashe, obuyele ukuza kwakulo. U Mr. Tyamzashe uneminyaka emitandatu ese Transvaal kwimimandla ekhabileyo yalo. Uputunywe libandla awalisekayo apo o Kimberley lakubon' ukuba like lakwizanzwile zenkatazo. Ate ako kakuhle namanye amabandla kule ntlanganiso yokwamkelwa kwake ukuvuya nama Dipente. Siyakolwa sivakalisa uluvo lwake wonke ontsundu okweli xa simlangazelola u Mr. Tyamzashe intsikelelo nengapezulu kweyexesha langapambili kumsebenzi abuye wangena kuwo e Kimberley.

Ngokuti " nankuya ehamba u Oom Patil," xa abegqita umpati omkulu we Transvaal u President Kruger, i Bhastile lidliwe £5 yimantyi ete xa iligwebayo iyakulinika isifundo ukuba licinga ukuba lingumntu omhlope.

Inteto yemambane ebhale izite gqubutu ngegama lokuba ingu "Pantsi-Komiti" kweleveki egqitileyo ayivakali, ukuba yona icinga ngokuba umntu unokutshiselwa indlu yake oko ingekoyo efameni yake. Uti lo mnumzana ayixelwa into eyenziwe ngu Madikane Gwiji ngumbhaleli. Londawo ayisemandla ngoku atshiselwe indlu Abantu banga bangeva ukuba sisiposo sinina esi sibi kangangokuba atshiselwe endlwini —esisiposo singapaya kukuba afakwe entolongweni, okanye adliwe,

Lude Iwamiselwa ngokute nqo usuku lwe Anivesali yentsapo yesikolo se Cawa sise Healdtown. Lolo Mvulo 18 May. Abantu abakulu balungiselela ukuze kubeko nesidlo samanz'ashushu ngokuhlwa kwalomini. Njengabaxhasi abakulu bamaxesha okuzihlaziya pakati kwamawetu sivakalisa umnqweno wetu ukuba yonke into yalomini ibe yeyakupumelela kakuhle.

Enye iramentana ezimana ukuqekeka ngokwesonka sentsipo yeyakwa Tuku elunge nolwandle e Ngqushwa. Akumzuzu mkulu yaye irazulwe kukwakiwa kwendlu yomfundisi, abanye berorela ukuba yakiwe ngezitena endaweni yemiti. Oko intlanganiso yada yatuma o Rev. B. Mama no Rev. B. S. Dlepu ukuya kudibanisa umzi. Namhla irelelene nabafundisi kuba u Rev. E. Gedye ekupe ezikolobheni zokufundisa intsapo yamaramente amabini apambili. Ngati Ibandla elifumane likubeke zintwana zoluhlobo lipateka nzima. Azi kungabeka pina xa liqubisene nezinto zokulinga ukomelela kokolo ku Msindisi xa licopele ukuwonakalisa umsebenzi ngento ezinjengezi. Siva ukuba injonjeli zalomahlukano seziqaba ityalike emakayeni azo, into evakala buntwanara, sakucinga ukuba basenemihlaba yokubhenela ko Rev, T Chubb nako Rev. P Hargreaves ukuba abaneliswa ngabafundisi abanabo,

Luyakuba ludatyana olunexabiso kwimpi efunda ezikolweni nes eyafundayo ukuva indaba zokubhubha ko Dr. Morell odume nge " Grammar and Analysis " yake. Ubefudula Engumhloli-Zikolo kwela Pesheya, kodwa ubeselenexesha elide engumpumli. Umka eselekumnyaka we 72.

Ixesha lomdlalo webhola ekatywayo liqalile e Bhai. Kwangokunjalo ziqalile ukuvakala nengozi zawo. U Waterrneyer wapuke ilungu lentamo, omtiye umdlali wenzakele kakubi pantsi kweliso, amanye amadoda amabini asalele nxamnye kwangawo. Asinguwo nomdlalo ukubambi ngenxa yengozi zawo.

Kuko ibalana elibaliswa ngomtshato obuse Sheffield kwelama Ngesi. Kuti xa kukwinqanam lokuba umntwenyana acengceleze emva komfundisi amazwi ati, " Ndikutande, ndikubeke, ndikululamele," aviwe umnyeni esiti " Ndiyakukwenza ukuba undilulamele." Kuti kanti umtshakazi ngowalomkondo untloko ziqabukileyo. Abhekise kumfundisi ati, " Sesitshatisiwena? " Umfundisi: "Hayi." "Kude kwalunga " itshilo lento, kazi, " Napakade sazi satshata." lie imbongoza icela uxolo inkewu yaseyapusile. Ide yancama, ekute xa ihleliyo izohlwaya viwa ngomfundisi xa akulula i *surplice,* esiti: " Tshotsho, apo ube usenza ntonina ?"

Abazitembisa nokuba bayakuba ngamanyange empilweni baya kudana bikaya ukuba izilumko eziyiqwalaseleyo lemicimbi ziti ubamnye kubantu abaliwaka ababako emhlabeni ofikelelayo kwikulu leminyaka; bayo befika nzima esitandwini ewakeni labantu abapile bade babe kunyaka wamashumi asixenxe anantlanu.

Izaziso nge mviwo zezikolo eziqutywa Libandla Elipete Imfundo Enkulu zipumile. Imviwo ekutiwa zeze *School Elementary* ne *School Higher* ziyakuhanjiswa kwindawo ezi 96. Intsapo elungiselelwe ukungena ifikile ewakeni. Kwinto eninzi yezikolo ezisentsapo eyakungena, sifumana ezi, kweza beletu ibila: —BENSONVALE, abe *Elementary* 13, Umongameli Luviwo Rev. Wesley Hurt; BLYTHSWOOD, *Elementary* 35, Umpatiswa Luviwo Mr. T. E. Irving ; CLARKEBURY, *Elementary* 12, Commissioner Rev. .W. SDavis ; HEALDTOWN, *Elementary* 21, *Higher* 3, Commissioner Rev. R. F. Hornabrook; LOVEDALE, *Elementary* 53, *Higher* 11, Commissioners Rev. W. J. B. Moir, M.A., A. W. Roberts. Kukwako isitatu (sabamhlope) e Lovedale esiyakungena i *Matriculation.*

Umbhaleli ose Kimberley walata imposiso kwinqaku elinge tyala lokwaliwa kwesoka yintombi, ekwatiwa intombi leyo yadliwa £52. Ayazeki indleli engene ??? mposiso. Inyaniso vona, njengoko ??? ngumbhaleli wetu, isoki libe libiza ??? elayitumela ebukweni. Ligwetyelwa ukuba lifumane £5; kudibene nendleko ibe ku £7 17s 3d iyonke indleko yelotyala. Siva into embi ngemposiso eyangena Umhleli wepepa engeko ekaya.

Silusizi kunye nomzalwana oti kwaye kutyolwa yena ngenqakwana apa elihlekisayo ngokuba " Azi wobuya angenena e Kabhatini." Uzikataza ngantonina wena waye ungabizwanga ngagama nje?

# Ndanihlazisa na?

No. 2.

Kweyokuqala incwadi ndipete kweliti iko incwadi yomfundisi eyati kum "Ababantu base Gillton banditume ukukucela ukuba ube ngumfundisi wabo, nam nditsho noko kubuhlungu kuti ukwahlukana nabo." Ndingena ke kwelokuti bati kanti abantu base Gillton banexhala ukuba noko batumeleyo ngo Mr. Philip, mna ndingala; baza ke ngoko bandulula omnye wabakokeli ukuza kuteta nam, andibongozo ngako konke anako ukuba ndisamkele isicelo sabo sokuba babe banye nomhlambi endiwalusayo. Wafika umntu lowo,. wahlala kwakula mazwi ka Mr. Philip ngokudibana kwabo bona bantu bakwa Nomadolo nomfundisi; wabonisa ngamatuba amaninzi ukuba mandibamkele. Kekaloku kulo mkokeli kuko umbuzo ose mandleni endangena kuwo, endinga impendulo yako ingaqondwa ngabo ati u Mr. Kayser mabagwebe. Ndati mna — baya kutinina abafundisi bakowenu xa ko nina nidibene ngeli? Wati yena— ngabo abaliqalayo elilizwi lokuba tina Nomadolo masiziboueie apo singaya kona; kube kuqine tina. Wati, imini yokuqala kwakuze u Mr. Harper kwa Nomodolo, waliteta etyalikeni elokuba bangaya nokuba kuse Wesile, nokuba. kuse Free Church, nokuba kukwa Ngcongolo—indawo ke ezikufupi. Ukupendula ute yena lomkokeli watunywa kut Mr. Harper ukuya kucela umfundisi, waza u Mr. Harper wapendula ngeliti — bona Mandipende asililo isiko labo ukutumela umfundisi kwiremente ese ??? buremente; iba yiremente ngokwayo ezifunela umfundisi. Watsho weza kwelokuba akubonakali ukuba kuya kubako umfundisi wokutabata indawo ka Gqadushe, into ese ifanele abakwa Nomadolo kukuya nokuba kuse Free Church nokuba kuse Wesile. Okwesitatu, kunduluke abakokeli abatatu besiya kubonisa u Mr. Harper ukuba umzi uyonakala; waza ke u Mr. Harper wabuya wateta kwa elazwi iidala, watsho namhla esiti—mna ndikude into enibona yona nose niyisingiga ku Mr. Philip. Okwesine, u Mr. Philip., esimalatiswe ngu Mr. Harper nguye losilitete kunye naye eli lizwi, ode, wati kuyabonakala ukuba amanye amalinga esibe sizama wona okunifunela umfundisi abengasikelelwanga yi Nkosi; elona; lililo leli lokuba niba banye neremente ka Mr. Makiwane.

Wenjenjalo ko lomkokeli ukundiqubela uluvo lwakowabo, nokundicacisela ukuba ngabo ababantu bebesoloko bengavumi; namhla ke ngenxa yesonakalo esikoyo nesizayo, boyisekile. Noko ikukutsiba, mandilifake kwesi situba elokuba lamazwi aqutywa ngulo mkokeli ndafika bewangqina bonke abanye abakokeli namadoda azintloko aloremente Ukutsho ke ndivakalisela abakude ukuba yacaca ngokumhlope indawo yokuba *ndiyabizwa,* nokuba ndibizelwa ukuba ngumfundisi Mandishiye ngeliti umntu onokubhala ngoluhlobo ngokuya kwa e Gillton:—"Lomfundisi wase Free Church obengene esiti uyanceda kuba ebavela abasaswela umfundisi wakowabo; kanti wenza iqinga lokuba xa angeneyo awutimbe, Impela atyebise isikolo sake, nditi umntu oyiteta ngolo luhlobo lendawo akakufanele ukupendulwa, ulingenwe kukusuka abizelwe intlanganiso yabakokeli kanti mhlaumbi angancedeka.

Mandigqite ko ngoko ndiye kweliti ndasamkela okunene eso sicelo size kum ngale ndlela ndiyityilileyo. Mhla ndaqala. ukuya kona ndadibana nentlanganiso yabakokeli abafika bandizalisela. inteto yonke, simkelana namhla ngendlela yokuba ndisiza ngobufundisi,. sateta nabo amacebo okuba mayihlangano intlanganiso yabakokeli bonke, abakwa Nomadolo nabase Macfarlan, izokudibana apo *iseshoni* yam idibana kona kakade, Okunene tina bapatiswa msebenzi saba banye *sonke,* umsebenzi sawenza wamnye. Kwelase Rementeni icala nge Sabata yokuqala, mhla indlu. yayizele, ndakuvakalisa etyalikeni ukuvuya kwam ukuba bendibize badibana ngoluhlobo, nokuba ke namhla mabazi ukuba amasiko okulaula kwam ayakuba ngawe Free Church. Ezonto ke sazenza zadazafezeka siziteta kwintlanganiso ze Sabata nezapakati kweveki kungoko noko amnye umntu oti— kaloku mfundisi kukupina oku.

Kuse situbeni ngoku sokuba mandiqube ukungena kuka Mr. Kayser (kanene nguyena lo bati ngu Poyiyana?)! Noko- ke make ndimncede ngalombuzo ungati uyifundekele intliziyo yake, noko ngelam, bendingati asinguwo ongabuzwa' yindoda kwonyo indoda. Nditeta lo wokuti— yinina ukuba ndingayi ku Mr. Harper, oko kukuti yinina ukuba ndingayi kubafundisi base Ndipende. Impendulo isekuhleni: iti, kungokuba ndandingaceli nto kubo ; bona neremente yabo bazizisa kum: kwaza ngoko kwafanela ukuba umntu ongaya kubashumayeza lonto ngumfundisi wabo mna ndingaya kushumayeza abakowetu.'. Okunene ke mna ndabashumayeza abakowetu; nokuba ke ndandingabaxelelanga ndibe ndingebuzwe Endipende. Njengohlobo endafika mna kululo kwakungaseko nto ndingahambela yona; ukuba yayiko ngendandalile ngeliti—oko kongengati ndim ocelayo, kanti kucela abantu nomfundisi wabo. Mandilivale olibanga lalembali ngumbuzo okufaneleyo ukubuzwa yindoda, oti : Ukuba kuko umfundisi owandicela ukuba ndimbambele bekunani kwakuza yena kum. uhlale pantsi wena mfo wase Hankey ?

